URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Maria Goretti Correia
ICandelo loLawulo loVavanyo
Maria.Correia@westerncape.gov.za | 021 467 2891

Inombolo yefayili.: 19/2/P
Isalathiso: 20230301-1993

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0006/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukusiwa kweNgxelo engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo kwiBakala 12 kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC*) zango-2022

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (ISebe i-*DBE*) likhuphe iNgxelo engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo ngo-2022 (2022 *Diagnostic Report*) kuviwo lwe-*NSC*. Le ngxelo iqulunqwe kwizifundo ezinamanani aphezulu abafundi ababhalisileyo *(high enrolment subjects*), iiLwimi zeeNkobe nezifundo zeTekhnoloji.

2. INgxelo ka-2022 engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo icwangciswe ngokwamacandelo amathathu:

   Icandelo 1: Izifundo zekhontenti (ezingezizo iilwimi)
   Icandelo 2: IiLwimi
   Icandelo 3: Izifundo zeThekhnoloji.

3. Izithili zemfundo kufuneka ziqinisekise ukuba ezi ngxelo zingokuqwalaselwa kweengxaki kwindlela abafundi abaqhube ngayo, ziyasiwa yaye kuxoxwe kuboniswane ngazo nabo bonke ootitshala abafundisa iBakala 12.

4. Ingcaciso enikiweyo kwisifundo ngasinye iquka:

   - ingqiqo nolwazi oluphangaleleyo (insight) kwindlela abaviwa abaqhuba ngayo;
   - indlela abaviwa abaqhuba ngayo ngombuzo ngamnye kuwo onke amaphepha esifundo; kunye

- nenye ingcaciso echaphazelekayo efana neempazamo eziqhelekileyo ezenziweyo kwakunye neengcebiso ngemiba engokuphuculwa komgangatho.

5. INgxelo ka-2022 engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo iyafumaneka kwiziko lewebhu leSebe i-*DBE*. Kunokusetyenziswa le linki ilandelayo ukungena kwiziko lewebhu le-DBE:
https://www.education.gov.za/Resources/Reports.aspx

6. Kucelwa iinqununu namagosa ezithili azise bonke ootitshala okukule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-03-15